



Zihlobo ezithandazayo,

Kule nyango bendinengcingane ngommangaliso nobunganga bezenzo zikaka Thixo. Kwi Ndumiso 9 sibona ukumkani uDavide ethetha ngoThixo njengomgwebi olilungisa. Kule ndumiso uDavide ubonga iNkosi ngokutyhila ubulungisa bakhe ekugwebeni izizwe ezinobubi. Emva koko atahndazele amathuba okukhumbula iinceba zikaThixo. uDavide unesiqiniseko kuThixo ekugwebeni kwakhe kwabanobubi uqimisekile ngesigwebo nakwabo bacinezelayo basokoliswa ngabanye.

UDavid ucenga uThixo ukuba eze ngokukhawuleza azokubonisa amandla obungwele bakhe alawule intlanga ezinobubi. Wabe sele eqhubeka thandaza kuThixo ukuba akukhumbule ukubulaleka kwakhe nentlungu yakhe amphe izizathu sokuyidumisa iNkosi.

<sup>1</sup> Ndiyakubulela kuwe Nkosi, ngentliziyo yam yonke;  
Ndiyakuzixela izimangaliso zakho. <sup>2</sup> Ndiyavuya ndigcobe kuwe;  
Ndiyakucula imibongo yegama lakho, Ko Phezulu.

<sup>3</sup> Iintshaba zam zihlehlele umva; zagingqeka zatshabalala phambi kwakho. <sup>4</sup> Ngoba wena uyiphakamisile ingalo yam okanye ukuvile ukuncwina kwam, uhleli etroneni yakho njengomgwebi olungileyo. <sup>5</sup> Uzikhalimele izizwe wabanyothula abangendawo; uwacimile amagama abo naphakade.

<sup>13</sup> Nkosi, bona zinditshutshisile iintshaba zam! Yiba nenceba undiphakamise emasangweni okufa, <sup>14</sup> ukuze ndiwutsho umbongo emasangweni ayo intombi uZayoni, lapho sigcobe kulo usindiso lwakho. Indumiso 9:1–5; 13–14.

Kunjalo nje undincede naphakathi kwabo benzi bobubi, uDavide uyasikhumbuza ukuba:

- 1) UThixo uyintsika (indawo yokuphephela) kwabo bacinezelekileyo.**
- 2) Akasishiyi kwaye akabayekeleli abo bamzungulayo.**
- 3) Akakulibali ukukhala koxhwalekileyo.**

<sup>9</sup> I Nkosi lihlathi labacinezelekileyo, intsika ngexesha lembandezelo. <sup>10</sup> Abo balaziyo igama lakho bayakwethemba, ngoba wena Nkosi, zange wabayekellela abakuzungulayo <sup>1</sup> Culani umbongo eNkosini, ehleli ebukhosini bakhe eZayoni; vakalisani kwizizwe akwenzile uThixo. <sup>12</sup> Ngoba lowo ubuyekeza igazi eliphaleleyo uyakukukhumbula; akaze angakukhathaleli ukukhala kwabaxhwalekileyo.

Masibeke ithemba kuye thina bamaziyo, sinyusele imithandazo yethu phezulu eNkosini sisazi sikholwa namhlanje ukuba uyasiva xa sikhala akakudebeseli ukukhala kwethu nokwabo baxhwalekileyo ezintlungwini zabo. UThixo ngumgwebi olungileyo naye uYesu uyiNkosi yethu. Namhlanje singanalo ithemba!

UThixo anisikelele,

Peggy Banks  
Global Ministry Director  
Project Hannah

## **Ubungqina base Albania:**

Iminyaka emininzi besingenalo ibandla elalini yethu. Xa siva ngohlelo likanomathotholo, siye sanochulumanco. linkqubo zenu zikanomathotholo zisincedile ukusikhulisa eNkosini. Ndifuna ukunibulela kwinkqubo ze *Women of Hope*. Ukuzimamela, sizuze ulutho kakhulu kwaye sifunda nokuba kufutshane noThixo. Utsho u**Jorgjie**.

Ndingongaboniyo kwasekuzalweni, kwaye ndizakuzimamela zonke. I *Women of Hope* yenye yezo nkqubo endizithanda kakhulu. Ndiyimamela qho ngemigqibelo nangecawa. Ezo nkqubo ezo zindinceda kakhulu ukuba ndikhule ndibeqotho eNkosini. **Antigoni**.

Ndingumphulaphuli omamela rhoqo kwiinkqubo zenu ze *Women of Hope* ziyinkuthazo kakhulu kum. Ndide ndagqiba ekubeni ndilandele lo Yesu, kwaye ndifuna ukwazi ndinganikela njani ngempilo yam bhetele kwabanye. Bendinenzima ebomini ndisokoliswa bubundlobongela ekhayeni. Kodwa kuyo yonke ingxaki ndimbonile uKrestu empilweni yam. Ndakuqonda ukuthi kobo bunzima, uyabujika uThixo siphele singabantu abatsha, UMoya Oyingcwele uyasikhumbuza kule vesi: "Khuthalani, ndiloyisile ihlabathi" **Jeta**.

Ndiyambulela uThixo ngale nkqubo *Women of Hope*. Ndifunde okunye okutsha njenge: ndizikhathalela kanjani na nabantwana bam. Ngelinye ilanga ndeva uthetha ngabantwana abagula ngumkhuhlane. Ulwazi endalufumana apho lubaluleke kakhulu. Bendingazazi iindlela iintsholongwane ezithi zihlasele ngakhona ukusukela kumntwana ukuya komnye. Ndithabathe imibhalwana malunga neendlela zokhuselo ndazisebenzisa ebantwaneni bam xa benomkhuhlane. Bendingazi nokuba abantwana fanel basele amanzi amaninzi xa beziva begula. **Lumturi**.

Ndaphunyelwa sisusu kwakabini, kwakunzima kum ukukukholelwa ukuba uThixo angandinika umntwana. Umhlobo wam wandimema ukuya ebandleni. Ndaqhubeka ndisiya kwaye ndithandaza kuThixo. Wenze ummangaliso omkhulu empilweni yam. Wandithamsanqela ngabantwana ababini, kwaye ndilindele ukubeleka owesithathu ngoku. Ndiyambulela uThixo ngale nkqubo ye *Women of Hope* program. Yinkqubo ebalulekileyo engasifundisi ukuzinceda qha koko nokubanomoya ophantsi. Wanga uThixo anganisikelela! **Silvana**.

Ndakhulela kubantu abathi uThixo akekho. Ndatshatiswa ndiminyaka ilishumi linesixhenxe. Sagqiba ukuthi siye eGreece ukuze sibe nesonka semihla ngemihla. Sinabantwana ababini. Emva kwethuba, umyeni wam, wafumana ingozi, watshona. Ndeza apha e Albania, apho ndeva ngobuKrestu ebandleni. Ndaqala ndaya ebandleni nbantwana bam ababini. Ndafumana ukwazana noThixo ondixhase wandinika amandla amakhulu okukhulisa abantwana bam. Imithandazo endayivayo kwi Alimanaki yenu nakwinkqubo ze *Women of Hope* zindiphe amandla. **Alma**.

Enkosi kakhulu ngeenkqubo zenu. Ndiyayiva imithandazo yenu ekuseni. Nindithundeza ukuba ndithandaze. Ndiyaya ebandleni, kwaye ngoku ndiyamazi uThixo uyawumamela umthandazo wam. Ngenye imini ndandithandazela umakhulu wam. Wayegula wade wabangcono. Oogqirha bathi kuye akasafanelanga kuhlinzwa. Ndavuya kakhulu, ndayazi ukuba uThixo undiphendule ekuthandazeni kwam. Ndatsho ndthandazela notata wam. Ebelinxila, ndiyambulela uThixo ngoku akasaseli. UThixo anisikelele. **Stelina, 16**.

Ndiyindoda, kodwa ndiyakuthanda ukuthandaza nani nge Alimanaki kakhulu. Imiba eniyibalulayo kule mithandazo iluncedo kakhulu. Ndifunde lukhulu ngezomo ngezimo zabafazi hlabathi jikelele. Ngelinye ixesha endikuvileyo kunditsho ndishwaqeke, ingakumbi xa ndisiva ngabazali abathengisa iintombi zabo befuna ilobola. Enkosi ngokusivusa. **Sofokli**.

Ndihlaa e States, kodwa ndithanda iAlimanaki yokuthandaza yenu e Albaniya kakhulu. Ndihlala ndiniphulaphula emnxebeni we komputha kwaye ndiyasikeleleka zizicelo zomthandazo. Ndivuya kakhulu kuba nithandazela oomama. Ndingumama onabantwana ababini, kwaye ndiyazi kunzima ukubakhathalela, nokubafundisa indlela ezilungileyo, ngoku ndiyabulela ngemithandazo yenu. **Ori, Facebook**